# UKWANDISWA KWEXESHA LOKUSEBENZISA ISITISHI SASEKOEBERG SOKUPHEHLA UMBANE NGENYUKLIYA

1) UEskom uye wayalelwa nguMlawuli Wenyukliya Elizweni (National Nuclear Regulator [uNNR]), ukuba apapashe ikopi yeSicelo sokusebenzisa iSitishi SaseKoeberg Sokuphehla Umbane Ngenyukliya nasemva kwexesha elibekwe kwiNIL-01 kuHlelo 19 lweGazethi KaRhulumente kwaye ubuncinane nakumaphephandaba amabini asasazwa kubo bonke oomasipala abachatshazelwa sesi sicelo.

2) Ngenxa yamasolotya akwiCandelo 21(4)(a) loMthetho Womlawuli Wenyukliya Elizweni Wowe-1999 (Umthetho 47 Wowe-1999), unikwa ithuba lokufaka kuNNR, izimvo ezibhaliweyo, eziphathelele imiba yempilo, ukhuseleko nokusingqongileyo, enento yokwenza nesicelo sethu, ungekadluli owe-16 kuMatshi 2023.

3) Izimvo zakho ezibhaliweyo zifanele zibhalwe Programme Manager: Nuclear Power Plants zize zithunyelwe ngenye yezi ndlela zilandelayo:
   a) Iikopi ezisephepheni –
   i) Maziziswe ngesandla kwiiofisi zikaNNR, ezikwiadresi ethi Eco Glades 2, Block G, Eco Glades Office Park, 420 Witch Hazel Avenue, Highveld, Centurion (zingqamene neeOfisi ZeLand Bank)
   ii) Maziziswe ngesandla kwiiofisi zeSiza SikaNNR, kwiadresi ethi 12 Raats Drive, Delphi Arch Building, Tableview, Cape Town
   iii) Maziposelwe kwiadresi ethi The National Nuclear Regulator, P.O. Box 46055, Kernkrag, 7441
   b) Ii-imeyili zithunyelwe kwiadresi ethi KoebergLTO@nnr.co.za

4) Ukukunceda xa uthumela izimvo zakho, esi Sicelo kunye nengcaciso malunga nokhuseleko eshwankathelweyo kunye noXwebhu Lukawonke-wonke olubhalwe nguEskom ngesiNgesi, iAfrikansi nesiXhosa zifumaneka kwiWebhusayithi yeNNR ethi *https://nnr.co.za/applications-in-progress/* nakwiWebhusayithi kaEskom ethi *https://www.eskom.co.za/eskom-divisions/gx/nuclear/#LongT* .